## IMIBONO, IINJONGO, IMINQWENO NEZICWANGCISO ZAMACEBO

Xa kufikelelwa ku2030 uMasipala weSithili iHarry Gwala District Municipality uzakube unkqenkqeza phambili ngokuhambisa amanzi kuluntu kwiPhondo iKwaZulu-Natal. Uluntu luyakube lungcamla ngamandla kwezolimo nokhenketho.

## ISICWANGCWISO ESIQULATHIWEYO

Isebenzisana nabantu nabanye ababandakanyekayo iHarry Gwala District Municipality Iyakuqinisekisa ukubonelela ngamanzi acocekileyo, aselwayo angapheliyo neendawo zogutyulo ngokunjalo enze iinzame zokuphucula amacandelo ezolimo nokhenketho ukuze Impilo nentlalo yabantu ibengehloniphekileyo inangakumbi.

## ISISEKO SEMIGQALISELO ENGUNDOQO

Ukutyhileka • Ukubonakala Ngengxelo • Ukusabela Izimvo • Ukuzimisela nokunyaniseka



# ISIQULATHISO


| | |
|---|---|
| Ilizwi loMhleli | 04 |
| Amazwi Esikhokelo ka-Sodolophu | 05 |
| Amazwi kaMeneja kaMasipala | 07 |
| Kwaziswa ngeBlue Drop | 09 |
| Umasipala waseHarry Gwala Ibhunga Elikhulu | 10 |
| I-Harry Gwala ilwa neziyobisi | 12 |
| Ingxelo yokunikezelwa kweeprojekthi | 15 |
| iNtlanganiso yeBhunga | 18 |
| Usodolophu weHarry Gwala uncoma ukubaluleka konxibelelwano | 20 |
| Uqeqesho lolawulo lomasipala looCeba | 22 |
| Ikomishoni yamanina ibambe ingxoxo yokuphuhlisa ooceba abangamanina | 23 |
| UMasipala wesiThili iHarry Gwala neHGDA baxhasa amashishini asakhasayo | 24 |
| Isithili iHarry Gwala siqinisa amaqathanga nesebe lezemisebenzi ukulwa nendlala | 26 |
| IHarry Gwala imanyene ne-IEC ukubhiyozela inyanga yamanina | 27 |
| Kufakelwe ii-alam ezilumkisa ngomlilo ezikhokhelela kukhuselo lomlilo | 28 |
| Imfundo, isakhono esibalulekileyo kuhanjiso lweenkonzo | 29 |
| Umasipala wesiThili iHarry Gwala ubambe i-HGDM Forums Relaunch ePeace Initiative Hall eXobho, ngenyanga yolutsha | 30 |
| Iintyatyambo zaseHarry Gwala ziyaqhubeka ukudubula | 31 |
| “Qhubekani nisenze sizingce” | 32 |
| Ukusebenza nokudlala kuba ngcono kwaye kumnandi | 33 |
| Usodolophu Nxumalo: “Sizakwenza umzila wanaphakade” | 34 |

# Lifikile ixesha... Bhalisela ulonyulo, yinto elungileyo



**UMnu uNdabezitha Tenza**
Umphathi Wezokuxhumana

NDIMEMCILI kakhulu ukunamkela ngezandla ezishushu kushicilelo lwethu lokuqala lonyaka mali wama2023/24. Siyanibulela ngokuhlala ningamalungu osapho lwethu kunyaka mali ogqithileyo, sinethemba lomnye owonwabisayo noneziphumo ezintle esijonge kuwo. Olu shicilelo luphuma rhoqo ngekota, ngeenjongo zokunika ingxelo kwinkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo neminye imiba ebalulekileyo engundoqo kumasipala.

Kuhle ukunika ingxelo ngempumelelo noncedo lonxibelelwano esibe nalo nabahlawuli beenkonzo zikamasipala, ukusuka kulawulo lwelizwe ukuya kumaqela aqhelekileyo ophuhliso. Sisingathe umsitho wosuku olunye e-Ixopo, sikhokhelwe ligunya lophuhliso leHarry Gwala (Harry Gwala Development Agency), sigxile kuphuhliso lwezoqoqosho eHarry Gwala, nokuxhobisa amashishini noluntu ngezakhono ezohlukeneyo kwimisebenzi eyohlukeneyo. Oku kube yimpumelelo ngokuthi simanyane namasebe ohlukeneyo karhulumente namaqumrhu oluntu, kunye nawabucala, kuquka isebe lezoshishino nokhuphiswano (Department of Trade Industries and Competition), iHarry Gwala Development Agency kunye noosomashishini basekuhlaleni.

Oosomashishini basekuhlaleni baxhamle izipho zezixhobo nokunye kwiHarry Gwala Development Agency.

Ukubhiyozela inyanga yamanina, simanyene ngempumelelo nekomishoni ezimeleyo yolonyulo (IEC), ukuhlonipha nokubhiyozela indima yobugorha eyadlwalwa ngamanina elizwe lethu, ngokubaxhobisa ngolwazi kwizinto ezininzi, kuquka ukusebenza kwezigaba ezintathu zikarhulumente. Abasetyhini abasakhulayo baseHarry Gwala babhiyozele le nyanga ngesidima ngethuba bedibene kwinkqubo yeentombi yotshintsho lwesimilo, nebibanjelwe e-Underberg ngeenjongo zokubafundisa ngokubaluleka kwesiko lokugcina ubuntombi babo.

Kwilinge lokukhuthaza impilo engcono, ukwenza nokugcina ubudlelwane, kwanokunyusa ukuziphatha kakuhle emsebenzini, abasebenzi beHarry Gwala bathabathe inxaxheba kwiTumente yezemidlalo Umgeni, ebibanjelwe eStanger. Iqela leVolleyball labasetyhini laseHarry Gwala liphume kwindawo yesibini kumagqibela kankqoyi. Sithi huntshu kubasebenzi bethu basetyhini ngokuphumelela kwezi tumente.

Siyazingca ukunika ingxelo yokusingatha kwethu ngempumelelo inkomfa yeengxoxo zamagosa ezonxibelelwano koorhulemnte basemakhaya, nebibanjelwe e-Underberg ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma. SisisiThili, siyazingca ngokusingatha umsitho obaluleke kangaka. Sibulela abaphathi nabakhokheli baseHarry Gwala ngenkxaso yabo kulo msitho. Siqhubekile, sasingatha iingxoxo zamagosa ezonxibelelwano esiThili ngempumelelo kumasipala wasekuhlaleni Umzimkhulu.

Sinethemba lonyaka mali oqhubayo ogcwele iziphumo ezintle, kwaye sikhuthaza bonke abantu ukwenza umohluko kunyulo oluzayo ngokuphuma ngobuninzi babo bayobhalisa, ukuze ulonyulo luhambe lula lungabi namkhethe. Ukuthabatha inxaxheba kulonyulo yenye yeendlela zokugqithisa umyalezo wakho. Yinto elungileyo kwaye lilungelo lakho!!!



**UNKS NONTUTHUKO NGUBANE**
UMXHUMANISI WOMPHAKATHI NOMASIPALA (PRO)

**UNKSZN THABISILE NZIMANDE**
INTERN KWEZONXIBELELWANO

**UMNU LINDOKUHLE CHILIZA**
USEKELA MLAWULI: UMCWANGCISI KWEZONXIBELELWANO KWISITHILI (GCIS)

**UNKSZN FEZILE MNGONYAMA**
INTERN KWEZONXIBELELWANO

AMAZWI ESIKHOKELO KA-SODOLOPHU

# Urhulumente wethu uyafikeleleka

**Inyanga yamanina. Mbokodo**

OLU shicilelo lwethu lweendaba lulandela ezithendeni zemibhiyozo yenyanga ebalulekileyo yamanina (EyeThupha). Ngelishwa, lenyanga esibhiyozela ngayo indima eyadlalwa ngamanina ukulwela inkululeko yelizwe lethu ingcoliswe kukufunyanwa komzimba kaBusisiwe Ngubo (35), obulewe ngokungena lusini, kutyholwa isinqandamathe sakhe esili polisa.

UBusisiwe Ngubo ebekhulelwe amawele amathathu. Umzimba wakhe ufunyenwe endleleni eya ekhayeni lakhe Ehlanzeni e-Ixopo. Ukubulawa kukaBusisiwe namawele akhe kunxunguphalise abantu kwisiThili sethu, kwiphondo, nakwilizwe lonke. Kufanele senze ngcono singamadoda. Esi siganeko lelinye ikhwelo kumadoda onke kwilizwe liphela ukuba enze ngcono, sikhusele amanina ethu kunye nabantwana, nanjengoko bengabantwana bethu, oosisi, amakhosikazi/amaqabane, oomakazi, abatshana, oomama, oogogo, kwaye baziintyatyambo zesizwe. Masithathe indawo yethu singamadoda esiThili, sizeke mzekweni ukufumana isisombululo sanaphakade soku tshabalalisa ukuxhatshazwa ngokwesini, neengcambu zako kunye neentsalela.

Kusapho lukaBusisiwe Ngubo, ndinqwenela ukudlulisa uvelwano olunga zenzisiyo. Kuwo onke omaxhoba okuxhatshazwa ngokwesini, ndithanda ukuvelana nani nokuxolisa ngokuxhatshazwa enigqitha kuko ezandleni zamaqabane enu. Uqhelekile emadodeni umkhwa woku xhaphaza amanina nabantwana. Kulihlazo, kwaye ukuze kuphele kufanele simanyane. Xa kunyanzeleka, masibabize ngamagama ukuze bahlazeke abahlukumezi, kwanele! Masincome amapolisa anqakule avalela umrhanelwa kwinyewe kaNgubo, sidanile ukwazi ukuba umrhanelwa lipolisa kule nyewe. Oyena mntu esilindele ukuba akhusele amanina kweli lizwe. Sinethemba lokuba ingalo yomthetho izakwenza ubulungiswa kweli tyala.

Sise kwinyanga yamanina, ilizwe lethu liyaqhubeka ukubhiyozela indima edlalwe ngamanina ukulwela inkululeko yelizwe lethu. Indima abayidlalileyo ayisoze kwaye ngeke ifihlakale. Amanina aqulethu ubuntu. Amandla abo anzulu, ukuthamba kwabo akupheli kwaye kufuneka sibahloniphe ngalo lonke ixesha, sibancome ngenyanga yamanina.

Siyabulela Mbokodo, siyabulela zintyatyambo zesizwe, ngenakwenza kwinkululeko yesizwe.



USodolophu waseHarry Gwala uCeba uZ.D Nxumalo

**Uqhelekile emadodeni umkhwa woku xhaphaza amanina nabantwana. Kulihlazo, kwaye ukuze kuphele kufanele simanyane. Xa kunyanzeleka, masibabize ngamagama ukuze bahlazeke abahlukumezi, kwanele!**

**EyoMsintsi yinyanga yezokhenketho**

Inyanga yezokhenketho ibhiyozelwa kwinyanga YoMsintsi rhoqo ngonyaka kwilizwe lethu. Injongo yokugxila kule nyanga ebalulekileyo kwezoqoqosho eMzantsi Afrika, kukubonisa ukhenketho oluhlukeneyo olufumanekayo kubakhenkethi basekuhlaleni nabatyeleli ngokufanayo. Ngaphezu koko, siyaqaphela



**Ohloniphekileyo usodolophu uceba Z. D. Nxumalo kwintlanganiso yebhunga, nalapho ebenika khona ingxelo.**

ukuba inyanga yezokhenketho ibonisa igalelo leli candelo kwezoqoqosho kwanokudala amathuba emisebenzi.

Inyanga yezokhenketho, ngokombono woMasipala wesiThili iHarry Gwala, akuniki kuphela iqonga kwabo abakwezo khenketho ekuhlaleni, koko isinika ithuba lokujonga emva kumgama esiwuhambileyo, ngaxeshanye sibhiyozele ukuba ngumohluko kwethu.

Umxholo walo nyaka wosuku lezokhenketho lomhlaba (olubhiyozelwa ngomhla wama27 kwEyoMsintsi), uthi: "Ukhenketho nogcino-mali olu luhlaza." SisisiThili sineendawo ezinomtsalane, eziquka ukhenketho kwimizila, ukhenketho lolonwabo, ukhenketho lomsebenzi. Sine Sani Pass, iMount Currie Nature Reserve, Giant's Cup Trail Rail, Bushmen's Neck Park, ukukhankanya ezimbalwa.

IsiThili noomasipala basekuhlaleni bonke bakulungele ukwamkela abatyeleli kwi sho't left kwinyanga yezokhenketho yama2023.

**Utyelelo lweNkulumbuso yaseKZN**

Xa ndiza kuvala intetho yam, ndithanda ukubulela iNkulumbuso yethu, ohloniphekileyo uNomusa Dube-Ncube, ngokusingatha Imbizo karhulumente yephondo kwisiThili sethu. Lo msitho ububanjwe ngenyanga yeThupha, kwaye kube lithuba elihle kuluntu lwethu oluphuma koomasipala basekuhlaleni, ngethuba bexoxa neNkulumbuso, kunye nabaphathiswa bonke borhulumente wephondo.

Ezi ngxoxo zibaluleke kakhulu nanjengoko uninzi lweenkqubo ezithinta iimpilo zoluntu zisenziwa ngamasebe karhulumente, kuquka imiba yezemfundo, ezempilo nophuhliso loluntu, imisebenzi yezoqoqosho efana nezolimo neendlela, kwakunye nezokuhlaliswa koluntu.

Njenge nxalenye yokuqinisa ubuhlobo noorhulumente bangaphandle, ezImbizo zinceda ukuvala umgama nokubonisa ukuthi urhulumente wethu uyafikeleleka, nokuthi la macandelo omathathu adityaniswa ngabantu esiba sebenzelayo.

AMAZWI KAMENEJA KAMASIPALA

# Ulawulo olusulungekileyo ludinga ukuphuculwa kwentlonipho yokulandela umthetho



**uMnu uGamakulu Ma-Art Sineke**
uMphathi kaMasipala

XA siqala lo nyaka mali oqale ngomhla wokuqala kwEyeKhala 2023, ndithanda ukwamkela lonke uluntu kushicilelo lweendaba zesiThili iHarry Gwala. Ushicilelo lwethu lwenziwa rhoqo ngekota, okwenza iincwadi ezine rhoqo ngonyaka.

Nanjengoko olu kulushicilelo lokuqala, lizakubonisa inkqubo yekota nekota ngokoyamene nohanjiso kunye nezicwangciso ezenziwe nguMasipala wesiThili.

Olu shicilelo liqonga elisetyenziswa ukunika ingxelo ngemiba kamasipala kubahlawuli beenkonzo zikamasipla noluntu, ngakumbi kwemiba eyoyamene neenkonzo zamanzi, nanjengoko kuluxanduva lwethu olungundoqo.

Kwikota yokuqala kubalulekile ukugxila kwiindawo ezintathu ezibalulekileyo eziquka, Ulawulo olusulungekileyo, ukwenza kunye nokulandisa.

Njengoko sonke sisazi, sele siqhubeka nekota yokuqala yonyaka mali omiyo, kwaye sele siqhuba ngokusungula iinkqubo kunye neeprojekthi, ngokulandela uhlahlo lwabiwo mali olwathiwa thaca kwintlanganiso kawonke-wonke yeBhunga ngaphambi kokuphela konyaka mali esiphuma kuwo. Uhlahlo lwawibo mali lomasipala wethu lilinganiselwa kwiR927,3 million. Kokokuqala emva kwexesha elide sifumana imali engaka.

Ukusungulwa kohlahlo lwabiwo mali lwesiThili ludinga isikhokhelo esiluqilima nokuthotyelwa kwezicwangciso, okuhambisana nemithetho yolawulo olusulungekileyo.

Ngaphezu koko soyamene nobuhlobo obutsha bophuhliso lweAfrika (NEPAD), nekuyingqubo ekhokhela ezoqoqosho eluntwini, yentlanganisela yamazwe ase-Afrika (AU), ekhuthaza izicwangciso enjongo zazo ikukulwa nendlala, ukukhuthaza impucuko kunye nophuhliso, ibandakanya ilizwe le-Afrika kuqoqosho lomhlaba, ikwakhawulezisa nophuhliso lwamanina.

Ukuze sigcine imithetho yolawulo olusungekileyo kufuneka sikhuthaze ukuhlonitshwa komthetho kunye neenkqubo, ukuqinisekisa ukuba umasipala wethu awunamfihlo kwaye unamaziko athembekileyo anabasebenzi abanezakhono, ukukhuthaza ukuzibandakanya ngokupheleleyo, ngakumbi xa kuthatyathwa izigqibo, ukuqinisa isiko lenkululeko, uxolo kunye nokhuseleko, nazo zibalulekile.

Ngokwemithetho engundoqo ye-NEPAD, iintlanganiso zebhunga zibanjwa ngokwe sivumelwano ngeentsuku, neziquka amaqela aphikisayo, iikomiti zika Section 79, ikomiti yophicotho zincwadi, kunye namaqumrhu esiThili e-IGR kwakunye nee-DDM namaqela alawulayo ezopolitiko.

Icandelo lethu lolawulo lwengozi lujongana namanyathelo afunekayo ukuqinisekisa ukuba umasipala usebenza kwindawo engena buqhophololo. Imigushuzo yezilumkiso neenkqubo zicetywa, ziqhutywe, ngeenjongo zokufumana iziphumo ezintle, ezilawula nokudala ukuba kungabikho zingxelo zobuqhophololo kumasipala.

Ukuhambisana nomthetho wokubandakanywa koluntu, umasipala wethu usungule indlela yokubandakanya uluntu ekhokhela ukusungulwa

## ABAPHATHI ABAKHULU



**UMNU UKHULANI MTHEMBENI BRIAN MZIMELA**
Imanejala kaMasipala kwiCandelo Lezezimali



**UNKSZN UNTOMBIFUTHI NOMVUSELELO FORTUNATE BUTHELEZI**
Imanejala kaMasipala kwiINkonzo yeNtlalo kunye noCwangciso loPhuhliso



**UMNU UNKULULEKO BIYASE**
Imanejala kaMasipala Iinkonzo Zezakhiwo / Ibambela Mlawuli: Iinkonzo Zamanzi



**UNKK UTHOBILE THELMA THIYANE-MAGAQA**
Imanejala kaMasipala KwiCandelo Lezemisebenzi



**Ohloniphekileyo usodolophu uceba Z. D. Nxumalo noMM uMnu. G. A. Sineke, ngaphambi kokuba bangene kwintlanganiso yebhunga.**

kweenkqubo zokubandakanywa koluntu. Uhlahlo lwabiwo mali luka masipala oluthiwe thaca lubonakalisa izimvo zoluntu ngokoyamene nomthetho wokubandakanywa koluntu, ngokubhalwe kwimithetho yelizwe kunye nomthetho wolawulo loomasipala.

Umasipala wesiThili unolawulo oluluqilima lwezezimali ukuhlangabezana nezidingo zolawulo olusulungekileyo. Iingxelo zophicotho zincwadi lwezezimali zihanjiswa kwangethuba kuNongxowa wePhondo. Icandelo lakwa-Supply Chain lizama ngandlela zonke ukusebenza ngamaxesha onke.

IsiThili sidibanise iqela eliluqilima lolawulo kwizicwangciso zawo zokuba neziko eliphumeleleyo. Izithuba zabaphathi abakhulu zonke zigcwele, ngaphandle kwesithuba somphathi omkhulu weenkonzo zamanzi, esizakugcwaliswa kunge kudala nanjengoko sele kugqityiwe ngeenkqubo zokutyumba.

IsiThili siqeqeshe uninzi looceba nabasebenzi kwiinkqubo zokwakhana ukuze siphuhlile ulwazi nezakhono ezohlukeneyo. Isigqeba sethu solawulo sibonakalisa oku kwaye sele kwenziwe uhlolo lwezidingo oluhambisana nokuhanjiswa kweenkonzo olusulungekileyo.

Ulawulo olusulungekileyo lukwadinga ukuba umasipala ube neqonga leengxoxo nentlanganisela yabasebenzi, kungoko umasipala eneForum yabasebenzi basekuhlaleni.

UChapter 6 womthetho wolawulo loorhulumente basemakhaya, nanjengoko uchazwe kuSection 38 kwi-Performance Management, ugunyazisa oomasipala ukusungula iqela elilawula ukusebenza ngokulingana neemali zawo, ngendlela efikelelekayo ngokoyamene nezicwangciso ezingundoqo, umhlahlandlela kunye nezinto ezichongiweyo kwicebo elidibeneyo lophuhliso (IDP).

Ngokwengxelo esele inikiwe, izicwangciso neenjongo zolawulo olusulungekileyo, indlela yolawulo lokusebenza inikwe amandla ngokuqhuba ulawulo lokusebenza lomntu ngamnye (IPMS). Injongo kukuqwalasela ngokwaneleyo ukusebenza okusulungekileyo, nokohlwaya abo abangasebenzi kakuhle. Ukugxila kwiindlela zokusebenza kakuhle kuko okubonakalisa ukusebenza okusulungekileyo komasipala okuza kuquka iziphumo neempembelelo.

Kubekwe imimiselo yokusebenza okusulungekileyo kwizicwangciso zonke zophuhliso. Kuyathenjwa ukuba oku kuzakuba neziphumo ezintle kwindlela zonke zokusebenza kukamasipala.

Umthetho welizwe loMzantsi Afrika ugunyazisa oomasipala, ukunika oomasipala basekuhlaleni inkululeko nolawulo olunomlando kubo bonke oomasipala basekuhlaleni. USection 152 unika umlando okhululekileyo ukuqinisekisa ukuba iinkonzo zoluntu zihanjiswa ngendlela esulungekileyo.

Ngokuthobela uSection 152 womthetho okhuthaza ukubandakanywa koluntu kunye namaqumrhu oluntu kwimiba yolawulo lwasemakhaya, iBhunga lethu libamba iintlanganiso zikawonke-wonke, zimeme uluntu ngokukhupha izaziso zentlanganiso yeBhunga, ukuqinisekisa ulawulo olusulungekileyo olungenamfihlo.

Kulo nyaka mali, nosele siwuqhuba, sizimisele ukuqinisekisa ukuba asiphumi ecaleni kwimithetho ekhokhela ukusebenza kolawulo lwasemakhaya, ngokwenjenjalo sizakugcina uxanduva lwethu lokuqinisekisa ukuba uluntu lwethu luyaxhamla kuthi sonke esisebenza kuMasipala wesiThili iHarry Gwala.

Ndiyathemba nizakonwabela iindaba zethu ezohlukeneyo eziqulathwe kolu shicilelo lwekota yokuqala. Ndiyabulela!



# KWAZISWA NGEBLUE DROP

INKQUBO iBlue Drop Certification (BDC) sisixhobo esisungulwe lisebe lamanzi nogutyulo lwelindle ngeenjongo zokubuyisela ithemba kuluntu ngokubanzi ngezinga lamanzi aphuma koompompi, ngoku qinisekisa ngezinga lamanzi kubo bonke oomasipala.

Iinjongo zenkqubo iBlue Drop kukuhlola ize ivelise ulwazi olungu ndoqo oludingwa licandelo lamanzi, nelizakuqinisekisa ukuphuculwa kolawulo lwamanzi acocekileyo kancinci-kancinci eMzantsi Afrika. Inkqubo iBlue Drop luhlobo lolawulo enjongo zawo ikukugcina intsebenziswano entle ebonakaliswa ngoomasipala, oosomashishini, isebe lemisebenzi yoluntu kunye neenkqubo ezikhoyo ezinika inkxaso zikarhulumente ezijonge, zizinikezele kwizicwangciso ezidingekayo ukufinyelela kulawulo oluluqilima lwamanzi aselwayo. Uhlolo lweBlue Drop sisixhobo solawulo lokukhuthaza nokuhlola ingozi esisetyenziswa eMzantsi Afrika. Inkqubo iBlue Drop isungulwe yi-DWS njengomhloli ukukhuthaza oomasipala ukuhlinzeka ngamanzi acocekileyo aselwayo kuluntu.

Inkqubo iBlue Drop ihlola ize iqhathanise iziphumo zokusebenza kweziko leenkonzo zamanzi (umasipala), ize iwonge (okanye yohlwaye) elo ziko emva kokufumana ubungqina beziphumo ezintle (okanye ukuhluleka), ngokoyamene nemithetho yesisekelo ebekiweyo. Isilumkiso sale ntsebenzo sifumaneka kubaxhamli, oonondaba, oosopolitiki, oosomashishini kunye namaqumrhu abucala. Icebo ligxile ekuchongeni oomasipala abasilelayo baze balungise kwezo ndawo abasilela kuzo, kunye nokukhuthaza ukhuphiswano koomasipala nokusebenzisa umlinganiselo apho kunzima khona ukusungula ukhuphiswano.

Inkqubo iBlue Drop ifumaneka eMzantsi Afrika kuphela kwaye iinjongo zayo kukuhlangabezana nemiceli mngani yezinga lamanzi. Inkqubo iBlue Drop ifuna ukukhuthaza utshintsho lokusiphatha kwabantu namaziko ukuqinisekisa ukuphucuka, ukusungulwa kokuziqhelisa ulawulo nokugcina izinga elihle lamanzi aselwayo, elihamba ngolu hlobo: ukukhiwa, ukucocwa, ukuhanjiswa kunye nokusetyenziswa. Emva koko umhloli aphendule ngokuncoma impucuko eqhubekayo nomsebenzi oncomekayo kumaziko eenkonzo zamanzi aqhuba kakuhle, ngelixa eqhubeka ukubeka iliso kumaziko asilelayo. Iziphumo zophicotho zeBlue Drop 2023 zizakuphuma kungekudala, kwaye zizakunika ingxelo epheleleyo ezakuncedisa amaziko eenkonzo zamanzi ukuqaphela iindawo ezithile, ukuze zibuyisele ukusebenza kweenkonzo zamanzi ziphucule nezinga lamanzi aselwayo.

Ngethuba iBlue Drop Assesment igxile kwityathanga lonke elibalulekileyo (umthombo, ukuphehla, ukucoca, ukuhanjiswa) kwamanzi aselwayo ngaphakati kumasipala (okanye kwezinye iindawo) umsebenzi weenkonzo zamanzi, iBlue Drop Risk Rating (BDRR) yona igxila kwiindawo eziyingozi kwiinkonzo zamanzi. Le ndlela yamva yindlela yomthetho wokujonga iingozi nalapho umasipala ekwazi ukuchonga, aqaphele iindawo eziyingozi kuhanjiso lwamanzi ithabathe amanyathelo okuzilungisa. Uhlolo lwengozi lwenziwa lisebe lamanzi nogutyulo lwelindle ukuchonga, lihlole lize lilawule ubungozi nomonakalo obuzakuwenza kwiimpilo zabantu, nokuqinisekisa ukulandelwa kwemithetho koomasipala abasengozini. Amanqaku eBlue Drop abonakalisa ubume beenkonzo zamanzi kwisithuba seenyanga ezilishumi nambini, ngokohlolo olupheleleyo lweBlue Drop, ngelixa i-BDRR igxile kwiindawo ezibonakalisa ingozi ngeloxesha.

Umasipala wesiThili iHarry Gwala uyinxalenye yeBlue Drop Assessment kunye neBlue Drop Risk Rating. I-HGDM ikwathobela umthetho wokuhambisa ingxelo yomsebenzi kwingozi ezichongiweyo. Kwingxelo yakutsha nje yeBlue Drop Progress Report 2022, uMasipala wesiThili iHarry Gwala ngomnye woomasipala kwiphondo i-KZN abahambise ingxelo yomsebenzi wobungozi obunciphileyo kwiinkonzo zamanzi. Ngumyinge we36.6% obonakalisa ukuba umasipala wenza kakuhle ukwehlisa ubungozi kwizinga lamanzi aselwayo. Kule ngxelo, ngamaziko amathathu kuphela eenkonzo zamanzi asadinga umsebenzi omninzi ukwehlisa ubungozi.



**UMasipala wesiThili iHarry Gwala usingathe Imbizo ye-ofisi yeNkulumbuso, apho urhulumente ethe uzakulwa neziyobisi nokusetyenziswa kwazo. Ngabantu abangaphaya kwe5 000 ebebezimase lomsitho. Kulo msitho kunconywe ooceba kunye noosodolophu ngokuqinisekisa ukuhanjiswa kweenkonzo kwisiThili.**

# I-Harry Gwala ilwa neziyobisi

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala, ebambisene norhulumente wephondo, ngokusebenzisa amasebe abo ohlukeneyo, abahlawuli beenkonzo zikamasipala kule ngingqi, kuquka iinkokheli zomthonyama, balwa neziyobisi nokusetyenziswa kwazo.

Abaphathiswa abaphuma kumasebe ohlukeneyo bagaleleke kwisiThili kutshanje, ukuzozimasa Imbizo yeNkulumbuso yaKwaZulu Natal elwa nokusetyenziswa kweziyobisi nentengiso engekho semthethweni, nalapho benxibelelane noluntu ngemiba ebalulekileyo.

INkulumbuso yeKwaZulu-Natal, uNomusa Dube-Ncube, akakwazanga kuphumelela kuleMbizo nanjengoko abahlali bebemlindele, ngenxa yeminye imisebenzi yakhe, kodwa ebemelwe ngumphathiswa kanondyebo, uPeggy Neliswa Nkonyeni.

UGqirha Ntuthuko Mahlaba, ongumphathiswa wezemidlalo, inkcubeko nezithethe, nobe thunywe kwaward 15 eMnywaneni eDonnybrook, uchithe ixesha lakhe enika intlonipho kugogo Nokusho Ngcobo, nobegqiba iminyaka elikhulu nantlanu, owazalwa ngo1918, nalapho bekusa bonakala iziphumo zemfazwe yokuqala. Ubomi buka gogo Ngcobo bubonakalisa imvelaphi yokuphila kwakhe iminyaka engaphaya kwekhulu.

UGqirha Mahlaba, obhiyozele ukuzalwa kwakhe iintsuku ezimbini ngaphambili, ufike nezipho ezokuwonga nokubhiyozela logogo oneminyaka engaphaya kwekhulu.

Nangona iminyaka ihambile kugogo Ngcobo, kodwa usakwazi ukuzihambela, nokubonisa amandla akhe angapheli. Esosula iinyembizi zakhe zovuyo, ugogo Ngcobo wenze umbulelo ongazenzisiyo kumphathiswa Mahlaba. Ebomini bakhe, ubeleke abantwana abasibhozo, bonke basaphila, ngoku uyindlovukazi enabazukulwana abangamashumi amane anesibhozo kunye nesizukulwana esingamashumi asixhenxe anesibhozo.

UMahlaba uqhubeke noluhambo olubalulekileyo waya eCreighton, apho evule ngokusesikweni iCreighton Public Library – iProjekthi exabisa iR6.5 million. Eli thala leencwadi elizele ngumoya wempumelelo nemfundo, lingumthombo wolwazi kuluntu.

Ngelixa evula eliziko lolwazi, unxibelelane nolutsha, ebanika iingcebiso ngokukhula nophuhliso lwabo.

Iinkqubo zakhe zosuku zimkhokhelele kwisikhululo samapolisa, apho eqhube uphando kwingxelo epheleleyo yeenzame zokulwa nolwaphulo-mthetho kunye nemiba yoluntu. Ukuzinikezela kukaGqirha Mahlaba ukuqonda imiceli mngeni yengalo yomthetho, ibonakalise ukuzinikezela kwakhe kukhuseleko nenzolo kuluntu.

Kusenjalo, umphathiswa wezolimo nophuhliso lwasemakhaya kwiphondo, uSuper Zuma, kunye nosodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Zamo Nxumalo, baqale usuku ngokunikezela ngokusesikweni ngeeProjekthi zamanzi ezixabisa ngaphaya kwezigidi ezingasumi amahlanu (R50 million), kuluntu lwaseGxalingenwa eNkangala kunye naseCentocow.

Le, bekuyindlela yokwazisa ngokusesikweni





**Amalungu oluntu afumene ithuba lokuveza iinkxalabo zabo nokuncoma ukuhanjiswa kweenkonzo kwImbizo yeNkulumbuso, ebibanjelwe eGinyane Sport Field ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma. Bonke oosodolophu abaphantsi kwesiThili, abaphathiswa, oomanejala boomasipala, abaphathi namagosa asuka kumasebe, oomasipala kunye nabahlawuli beenkonzo zikamasipala abohlukeneyo.**

oonokhontilakhi kuluntu ukubonisa ukuba ezi Projekthi sele ziqhuba, ngaxeshanye bencedisa oonokhontilaki ukuqinisa ubudlelwane phakathi kwabo noluntu ngexesha lokuqhutywa kweziProjekthi. Ohloniphekileyo, usodolophu, uceba Nxumalo wonelisekile kukusungulwa kweziza zoonokhontilakhi bobabini. Kulo msitho, usodolophu kunye nomphathiswa banikezele ngezixhobo zezolimo kubaxhamli kwezi ndawo, njenge nxalenye yokukhuthaza nokuphucula umbono karhulumente wokulwa nendlala, inkqubo yegadi kwikhaya ngalinye.

## Amakhowa

Le nkqubo idibene neshishini eliphumeleleyo lasekuhlaleni elivelisa amakhowa, apho ixhegwazana lasekuhlaleni, uZinhle Elizabeth Xaba, wakwilali iSibomvini, eqale ishishini lamakhowa.

UXaba uzithanda kakhulu ezolimo kwaye uphila ngokulima. Uqhuba ishishini eliphumeleleyo lamakhowa ekunye nomzukulwana wakhe, uNonduduzo. Ungumzekelo omhle wokuthi ukutyala kukuzibalela imali yakho, eqhayisa ngokuzithoba ukuba yena akazange wahlupheka oko waqala ukulima. Ukwazipakhishela la makhowa akhe.

Umphathiswa kunye nosodolophu bangenelele ngokuqikisekisa ukuba bazakuli khulisa ishishini lakhe, baze bamnika izixhobo zezolimo ukuxhasa ishishini lakhe.

## Kunconywe ooceba bakaWard 8 & 15

Uluntu lakwilali iNgwagwane kuWard 15, apho beku singethwe khona lo msitho, eGinyane Sport Field, luthabathele kulo inkqubo ngethuba luncoma uceba Winneth Mtolo, wakwaWard 15, kunye noceba Mthobisi Dlamini, wakwaWard 8, ngokuzinikezela kwabo ukufezekisa izidingo zabantu bezi wadi ngako konke abanako.

Aba ceba banconywe ngethuba abantu benikwa iqonga lokuveza iinkxalabo zabo malunga nemiceli mngeni yokuhanjiswa kweenkonzo.

“Siyazingca ukuma apha, sitsho ukuba aba ceba bayazifezekisa izithembiso zabo ngokwezidingo zethu. Bayaphulaphula, bayasihlonipha kwaye bathabatha amanyathelo kwimiceli mngeni yonke esinayo kwangethuba,” kutsho abahlali.

Bathe ingathi bayaqala ukuba nooceba kwindawo yabo.

Umphathiswa Zuma uthe, kuyamvuyisa ukwazi ukuba kukhona ooceba abangazilibalanga izifungo zabo, abathobekileyo kwaye bencedisana nomdla obabeke kulawulo. Uqhube wathi, inyewe kaDlamini, oyimfama, inika umdla nanjengoko umsebenzi wakhe ugqitha imisebenzi yooceba bangaphambili, ebebengaphili nokukhubazeka kwaye beyibona imiceli mngeni abantu abajongene nayo.

Uthe, uDlamini uhambisa iinkonzo akangaziboni ngeliso lenyama. U Zuma ukhuthaze abantu ukuba balandele emanyathelweni kaNkskz. Xaba okuzimisela kwezolimo.

“Singu rhulumente, asikwazi ukufezekisa zonke izidingo zenu, kodwa ukulima kuzakunincedisa ngoba nizakwazi ukubeka ukutya etafileni, kwaye nithengise okushiyekileyo nifumane imali,” utshilo uZuma.

Abahlali banikwe izixhobo zokulima, imbewu kunye nokutya.







# INGXELO YOKUNIKEZELWA KWEEPROJEKTHI




**Unokhontilakhi eCreighton Water Supply kwisigaba sesibini, ukulungele ukuqala iprojekthi. Unokhontilakhi waziswe kumalungu oluntu kwaye umsebenzi uzakuqaliswa ngomhla wokuqala kwEyoMsintsi 2023, nekulindeleke ukuba igqitywe ngomhla wesine kwEyoMsintsi 2023.**

## IGAMA LEPROJEKTHI:

## CREIGHTON WATER SUPPLY PHASE 2 – 1.4km GRAVITY MAIN & 1.4km RISING MAIN

**Inombolo yesivumelwano:** HGDM 814/ HGDM/2023
**Umasipala wasekuhlaleni:** Dr Nkosazana Dlamini Zuma
**Iiwadi ezizakuxhamla:** Ward 05, 06, 08 & 14
**Iilali ezizakuxhamla:** Centocow, Khukhulela, Creighton, and St Apollinaris Hospital
**Amakhaya azakuxhamla noluntu:** 2940 izindlu; abantu: 12054
**Inkonzo:** Unikezelo lwesiza Umhla: 17 EyeThupha 2023

1. **Inkcazelo yeProjekthi:** UKWAKHIWA KWE 1.4KM LONG 350mm DIAMETER RISING MAIN PIPELINE AND 1.4 KM 300mm DIAMETER CLEAR WATER GRAVITY MAIN PHAKATHI KWE CENTOCOW – UKUTSALWA KWAMANZI E-UMZIMKHULU RIVER KUNYE NE CENTOCOW WTW
2. **Umthengi:** UMASIPALA WESITHILI IHARRY GWALA
3. **Umphathi weProjekthi:** Mr Sibonelo Memela
4. **Umphathi weISD:** Miss Yonela Masika
5. **Injineli:** ZIMILE CONSULTING ENGINEERS
6. **Unokhontilakhi:** Africa Green Technology & Sanitation
7. **Umxhasi weProjekthi:** MIG
8. **Ixabiso leProjekthi:** R 19 884 629.86 kuquka i-VAT nokunye okungxamisekileyo
9. **Ixesha leProjekthi:** Iinyanga ezilishumi nambini
10. **Umhla wokuqala:** 01 EyoMsintsi 2023
11. **Umhla wokugqiba:** 04 EyoMsitnsi 2023 (uqikelelo: iiveki ezimbini intlanganiso yokuqalwa kweProjekthi)
12. **Umsebenzi weProjekthi:**

- Ukuvelisa, ukusiwa kwisiza, ukufakelwa kunye nokunikezelwa kwezixhobo ezilandelayo kumzila omnye:
- 1.4km long DN350 PVCO Class 16-20 pressurised pipeline
- 1.4km long DN300 PVCO Class 16 pipeline
- Ukwakhiwa kwesiza
- Ukucocwa kwesiza 2
- Ukwembiwa kwemizila yemibhobho
- Ukufakwa kwemibhobho nokugqumathela
- Ukuhlolwa kwemizila yemibhobho
- Ukondlala nokudibanisa imizila yemibhobho
- Ukucoca nokugqibezela
- Ukubuyisela zonke iindawo ezimoshwe ngumsebenzi kwisimo ebezikuso ukuqala komsebenzi
- Ukufakelwa kwamavaluva
- Ukudibana kweendlela

13. **Ukhetho nomsebenzi we PSC:** ISD esuka eHGDM incedisa ngeenkqubo zokukhetha i-PSC nokubayalela ngomsebenzi wabo. Amalungu amahlanu e-PSC kufuneka

aqinisekise ukuba ancedisa:

- Ukuhlala kwiintlanganiso zenyanga zePSC
- Unxibelelwano noluntu
- Kwiinkqubo zokuqesha abasebenzi
- Kwiinkqubo zokukhetha oonokhontilakhi abancedisayo
- Baqinisekise ukuba abasebenzi bayahlawulwa, ngokishicilelo olutsha lukarhulumente

14. **Bahlele iintlanganiso (Technical & PSC):** Eziza kubanjwa rhoqo ngenyanga
15. **Ekulindeleke ukuba baqeshwe:** Abafundi, CLO, Abanezakhono, Abanezakhono ezingaphelelanga, Abangenazakhono, Abaphila nokukhubazeka nababe hlelelekile: TBC
16. **Iinkqubo zengqesho nokudingekayo:** ISD zizakuhlolwa ngePSC, CLO noCeba
17. **Ekulindeleke ukuba baqeqeshwe:** Abasebenzi
18. **Oonokhontilakhi ekulindeleke ukuba bancedise:** Ngokomthetho wakwaSCM
19. **Izohlwayo:** Xa unokhontilakhi engawugqibanga umsebenzi weeProjekthi ngexesha lesivumelwano ngaphandle kwesicelo esivunyiweyo sexesha elongeziweyo, uzakohlwaywa 0,0005 x ixabiso lesivumelwano sakhe ngosuku).
20. **Ixesha lokubekwa ityala ngeempazamo:** Iinyanga ezilishumi nambini emva kokugqitywa komsebenzi
21. **Ukufakwa kwemizobo yolwakhiwo:** Izakunikezelwa kunokhontilakhi ukukhethwa kwakhe kwintlanganiso yokunikezela.
22. **Ukutyikitywa kwemiqulu yonke yesivumelwano:** Iintsuku ezilishum nane emva kwentlanganiso yokuqaliswa kweProjekthi
23. **Ingxelo yempahla okanye imali ifakwe kwisebe lezezimali:** Ibhalwe ngaphambi kokugqiba.
24. **Ukufakwa kwe O&M Plans & Procedure Manual:** Ifakwe emva kokugqitywa komsebenzi.
25. **Abasebenzi abalungisayo bayafuneka ukugqitywa kwaleProjekthi:** Iqela lokusebenza nokulungisa.
26. **Ukuhlawulwa koonokhontilakhi:** Ngokwesivumelwano
27. **Ingxelo elindelekileyo ezakumisa intlawulo kanokhontilakhi:**
28. **Imihla yokuhlawulwa kwabasebenzi kwiProjekthi:** Usuku lokugqibela lokusebenza lwenyanga.



**Usodolophu wesiThili iHarry Gwala kunye nomphathiswa wezolimo KwaZulu-Natal uMnu. Super Zuma, batyelele oonokhontilakhi beeprojekthi zamanzi nekulindeleke ukuba ziqaliswe kungekudala.**

### IGAMA LEPHROJEKTHI

## iGREATER SUMMERFIELD WATER SCHEME: UKULUNGISWA NOKUPHUCULWA KOKUTSALWA KWAMANZI KWEGREATER SUMMERFIELD NEZIKHO ELIPHEHLA AMANZI KUMASIPALA WESITHILI IHARRY GWALA

**Inombolo yesivumelwano:** HGDM812/HGDM/2023
**Umasipala wasekuhlaleni:** UMZIMKHULU LOCAL MUNICIPALITY
**Iiwadi ezizakuxhamla:** 15, 17, 20 no 21
**Iilali ezizakuxhamla:** Madakeni; Highlands; Hopewell; Strangersrest; Kroemhoek/Magqagqeni; Ntshabeni; Nkungwini; Tembeni; Tembeni East; Tembeni West; Tembeni West Ext; Waschbank; Tafeni; Tafeni Main; Tafeni Ext; Chamto; Vukuzimele; Mastela; Diepkloof; Diepkloof Main; Diepkloof Ext; Thornbush; Long Clove;



**Umphathiswa wezolimo KwaZulu-Natal, usodolophu wesiThili iHarry Gwala nabaphathi batyelele isiza seprojekthi yamanzi ukuyohlola inkqubo.**

Summerfield; Mlaza; Gceni; Gcebeni; Phumamuncu; Mathathane; Blema.
**Amakhaya azakuxhamla noluntu:** 4097 izindlu; abantu: 34 191
**Inkonzo:** Unikezelo lwesiza
**Umhla:** 17 EyeThupha 2023

1. **Inkcazelo yeProjekthi:** Ukulungiswa nokuphuculwa komsebenzi wokutsala amanzi
2. **Umthengi:** UMPHATHI WESITHILI IHARRY GWALA
3. **Umphathi weProjekthi:** Mr Sibonelo Memela
4. **Umphathi weISD:**
5. **Injineli:** ZIMILE CONSULTING ENGINEERS
6. **Unokhontilakhi:** Sihlahlasiya'hluma Construction
7. **Umxhasi weProjekthi:** MIG
8. **Ixabiso leProjekthi:** R 35 223 739.72 incl. VAT nokunye okungxamisekileyo
9. **Ixesha leProjekthi:** Iinyanga ezilishumi nambini
10. **Umhla wokuqala:** 31 EyeThipha 2023 (uqikelelo iiveki ezimbini emva kokunikezelwa)
11. **Umhla wokugqiba:** TBC kwinkqubo yesivumelwano solwakhiwo. 2
12. **Umsebenzi:** Ukulungiswa nokuphuculwa kwesakhiwo sokutsala amanzi kuquka umthombo omanzi kunye neempompo, imibhobho, ufakelo lombane, izixhobo zokukala, iitransformer kunye nesicelo ku-Eskom, ukukhonka.
13. **Ukhetho nomsebenzi we PSC:** Amalungu amahlanu e-PSC kufuneka aqinisekise ukuba ancedisa:
    - Ukuhlala kwiintlanganiso zenyanga zePSC
    - Unxibelelwano noluntu
    - Kwiinkqubo zokuqesha abasebenzi
    - Kwiinkqubo zokukhetha oonokhontilakhi abancedisayo
    - Baqinisekise ukuba abasebenzi bayahlawulwa, ngokishicilelo olutsha lukarhulumente
14. **Bahlele iintlanganiso (Technical & PSC):** Eziza kubanjwa rhoqo ngenyanga
15. **Ekulindeleke ukuba baqeshwe:** Abafundi, CLO, Abanezakhono, Abanezakhono ezingaphelelanga, Abangenazakhono Unokhontilakhi kulindeleke afake ingxelo yabasebenzi ngaphambi kokuwala kweProjekthi.
16. **Iinkqubo zengqesho nokudingekayo:** ngePSC, CLO noCeba
17. **Ekulindeleke ukuba baqeqeshwe:** Abasebenzi
18. **Oonokhontilakhi ekulindeleke ukuba bancedise:** 20% yexabiso lesivumelwano
19. **Izohlwayo:** 0,0005 x ixabiso lesivumelwano sakhe ngosuku, ngokwe GCC 3rd Edition, 2015, Clause 5.3.
20. **Ixesha lokubekwa ityala ngeempazamo:** Iinyanga ezilishumi nambini
21. **Ukufakwa kwemizobo yolwakhiwo:** Izakunikezelwa kunokhontilakhi kwintlanganiso yokunikezela.
22. **Ukutyikitywa kwemiqulu yonke yesivumelwano:** Iintsuku ezilishum nane emva kwentlanganiso yokuqaliswa kweProjekthi
23. **Ingxelo yempahla okanye imali ifakwe kwisebe lezezimali:** Ibhalwe ngaphambi kokugqiba.
24. **Ukufakwa kwe O&M Plans & Procedure Manual:** Ifakwe emva kokugqitywa komsebenzi.
25. **Abasebenzi abalungisayo bayafuneka ukugqitywa kwaleProjekthi:** Iqela lokusebenza nokulungisa.
26. **Ukuhlawulwa koonokhontilakhi:** Ngokwesivumelwano
27. **Ingxelo elindelekileyo ezakumisa intlawulo kanokhontilakhi:**
28. **Imihla yokuhlawulwa kwabasebenzi kwiProjekthi:** Usuku lokugqibela lokusebenza lwenyanga.





**Ohloniphekileyo usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala esamkela amagosa ezonxibelelwano aphuma kwiphondo iKwaZulu-Natal, ebebeyinxalenye yeengxoxo zonxibelelwano ebezibanjelwe eSani Pass e-Underberg. Kwintetho yakhe yokwamkela, usodolophu Nxumalo ukhankanye ukubaluleka konxibelelwano ngezicwangciso zikarhulumente kumalungu oluntu.**

# Usodolophu weHarry Gwala uncoma ukubaluleka konxibelelwano

USOLODOPHU woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Zamokwakhe Nxumalo uncome ukubaluleka kwamagosa ezonxibelelwano karhulumente esithi; "Abanye abantu bangawuthatha lula lo msebenzi nanjengoko ujongeka umnandi, bengabazi ubunzima bokwakha ubuhlobo namajelo ohlukeneyo eendaba, kwanoku thomalalisa oonondaba abahleli befuna ukutshabalalisa okanye ukuthetha kakubi ngorhulumente."

U Nxumalo ukuthethe oku e-Underberg eSani Pass Hotel, kwingxoxo yamagosa ezonxibelelwano olawulo lwasemakhaya KwaZulu-Natal (KwaZulu-Natal Local Government Communicators Forum).

Iinjongo zale ngxoxo kukuqinisa nokwabelana ngolwazi phakathi kwamagoxa ezonxibelelwano, ngendlela yokusebenza ngamandla kumsebenzi karhulumente kuluntu lonke, ngokusebenzisa iindlela ezithile zonxibelelwano kuquka, oonondaba koonomathotholo, amaphepha ndaba kunye nobuchwepheshe.

Oku kulula ukukwenza, kutsho uNxumalo, nanjengoko amajelo eendaba ehleli enamabali aphantse adicilele phantsi amabali alungileyo karhulument, xa kusenzeka oku, kufanele baqinisekise ukuba ezo ndaba ezibhalwe ngorhulumente zinyanisekile kwaye banike ingxelo kwelabo icala.

"Ngumsebenzi onzima ukuqinisekisa oonondaba ngamabali ohanjiso lweenkonzo, kungoko zibonwa njengezidikayo ezingenzi ngeniso," kutsho uceba Nxumalo.

Uthe, le ngxoxo ibibalulekile njanjengoko ukhetho sele likufuphi, kwaye luzakubaluleka ukwabelana ngezimvo zokuhlangabezana neendaba ezingenabunyani, ezifuna ukufihla iindaba enzintle nako konke okuhle okwenziwe ngurhulument.

"Le ngxoxo ibalulekile ngoba nizakuphuma apha nifumene ulwazi olwengezelelweyo lokukhuthazana nokufundisa abantu ngokubaluleka kokuvota, nanjengoko kulilungelo lomntu wonke ukukhetha iinkokheli ezithandwa ngabo," kutsho uceba Nxumalo.

Ukuvota, kuqhuba uNxumalo, kubalulekile kwaye urhulumente, ngokusebenzisa amagosa ezonxibelelwano, kudingeka akhuthaze amalungu oluntu ukuba yinxalenye ukuze aqinise intando yesininzi esiyilwele nzima.

Le nkqubo ebintsuku-mbini, beyizimaswe ngamagosa ezonxibelelwano ephondo lonke.

Ngethuba kuqhutywa ingxoxo, iSouth African Local Government Association (Salga), iveze izihloko ezininzi apho wonke umntu enikwe iqonga lokwabelana ngolwazi lwakhe lokuhlangabezana nemiba ebalulekileyo equka oonondaba baseMzantsi Afrika.

"Siyazingca ukunamkela nonke kwezi ngxoxo eziququzelelwe sisiThili sethu esihle, njengokuba nizibona nani iintaba ezintle Zokhahlamba.




**Amagosa ezonxibelelwano aphuma koomasipala abohlukeneyo KwaZulu-Natal ayamkele ngezandla zombini intetho yolwamkelo yohloniphekileyo usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Z. D. Nxumalo.**

I-COGTA ikhethe eyona ndawo entle kumasipala wasekuhlaleni ngaphantsi komasipala wesiThili, ukudibanisa oongqondo ngqondo nezikhaliphi ukuzokwabelana ngeendlela zonxibelelwano," kutsho uNxumalo.

Itlanganiso ye-LGCF ibibalulekile kakhulu nanjengoko izakuncedisa ukufundisa amagosa ezonxibelelwano koomasipala baKwaZulu-Natal.

"Sithemba ukuba lengxoxo izakwazi ukuxhasa amagosa ezonxibelelwano alapha ngezixhobo ezingu ndoqo ukuze badlale indima yabo ukufundisa uluntu loomasipala bawo. Nonke magosa ezonxibelelwano kufuneka nazi ukuba indawo yakho ibaluleke kakhulu, kwaye yibhulorho phakathi kwethu bosopolitiki, thina singumasipala kunye noluntu ngokubanzi," kutsho uNxumalo.

Sebenzisani eliqonga, uqhubeke watsho, ukwabelana ngemibono ebalulekileyo, impucuko, kunye nezenzo ezintle kulawulo lwamaxesha abuthakathaka njengeentlekele kunye noqhankqalazo.

**Siyabona ukuba kufuneka inkxaso-mali eyongezelelweyo kumasebe ezonxibelelwano kubo bonke oomasipala ukuze bakwazi ukwenza konke esele ndikukhankanyile**



Usodolophu ugqibezele ngokuthi: "Kubalulekile ukuqaphela ukubandakanywa koluntu lwethu kwizicwangciso zokusungulwa kweenkqubo zokuhanjiswa kweenkonzo. Sifuna amaqonga apho sizakunxibelelana noluntu lwethu, ngakumbi abo ababalulwe ngumthetho wolawulo lwasemakhaya. Kusekhona okuninzi okudinga ukwenziwa ukuqinisekisa ukuba kubakhona unxibelelwano rhoqo kwisiThili sethu," utshilo. Uqhubeke wathi uhlahlo lwabiwo mali olunikwa isebe lezonxibelelwano kuwo onke amaziko karhulumente luncinci xa kuqhathaniswa nokubaluleka kwamagosa ezonxibelelwano kumaziko karhulumente.

"Siyabona ukuba kufuneka inkxaso-mali eyongezelelweyo kumasebe ezonxibelelwano kubo bonke oomasipala ukuze bakwazi ukwenza konke esele ndikukhankanyile," kugqibezela uNxumalo.







**Kwiinzame zokuqinisekisa ukuhanjiswa kweenkonzo kuluntu lwesiThili iHarry Gwala, ooceba baxhotyiswe ngezakhono ezibalulekileyo zolwazi. Apha kungethuba uMasipala wesiThili iHarry Gwala ubambe uqeqesho lwenkqubo yolawulo lukamasipala.**

# Uqeqesho lolawulo lomasipala looCeba

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala wenze inkqubo yoqeqesho lolawulo lomasipala looCeba abaphuma koomasipala basekuhlaleni abakhethiweyo abakusebenza kwisiThili kutshanje.

Le yinxalenye yenkqubo yenyanga ezilishumi nambini, enjongo zayo ikukuxhobisa ooceba ukwenza umsebenzi wabo ngcono wokuqinisekisa ukuba kukhona ukuhanjiswa kweenkonzo kwisiThili.

Iziphumo zolu qeqesho ziquka ulwazi nokufunda ngamandla omthetho kulawulo lwasemakhaya, ukusebenzisa imithetho yohlahlo lwabiwo mali kumasipala, ukwenza nokufunda iingxelo zikamasipala zezimali.

Iziphumo zolu qeqesho zikwaquka ukusebenzisa imithetho yezobuchwephesha ukulawula iingxelo ngokoyamene nolawulo loluntu.

Olu qeqesho likwancede ukubonisa ulwazi ngemvelaphi nokusungulwa komthetho nendima ewudlalayo kulawulo lwasemakhaya.

Ukugqiba kwabo ooceba bazakube bexhobe ngolwazi lokuchonga nokuchaza imithetho kamasipala neyolwawulo, ekhokhela ukusebenza kwemihla ngemihla kulawulo lwasemakhaya.

Nangona uqeqesho lwamva luthabathe iinyanga ezintlanu kuphela, abanye ooceba kwisiThili, abaqhubekeke noqeqesho lwenyanga ezilishumi nambini ngaphambi kwabanye, sele beyigqibile le nkqubo kwaye baza kuthwala izidanga kunge kudala.

Usodolophu uceba Z. D. Nxumalo uthe, bekubalulekile ukuba baxhobise ooceba ngezakhono ezibalulekile ukuze benze umsebenzi wabo ngcono, kwaye bathathe izigqibo ezizakuba negalelo elihle kuhanjiso lweenkonzo.

“Xa sithetha ngolawulo lwezezimali kunye nolawulo lomasipala, sifuna ooceba babe nezakhono ezibalulekileyo ukuze bakwazi ukuphendula nayiphi na ingxoxo benze izigqibo ezilungileyo eziqinisekisa ukuba kuhanjiswa iinkonzo kwisiThili sethu,” kutsho usodolophu Nxumalo.

Le nkqubo ibiqhutywa lisebe lezemisebenzi kuMasipala wesiThili.

# Ikomishoni yamanina ibambe ingxoxo yokuphuhlisa ooceba abangamanina



**Kusingathwe iingxoxo zezicwangciso oluntsuku-mbini, nalapho bekusabelwana ngemibono namacebo ophuhliso lwamanina. Amasebe ohlukeneyo kunye noomasipala basekuhlaleni banike ingxelo yamacebo abo, ukuqinisekisa ukuba ilizwi labo nelamanina liyaviwa kwisiThili.**

OOCEBA abangamanina kuMasipala wesiThili iHarry Gwala athathe inxaxheba kwingxoxo ehleliweyo yamacebo entsuku-mbini ebeyimpumelelo, neyenzelwe ukuphuhlisa bona eXobho kutshanje, ngaphantsi komxholo othi: “inspiring leadership for economically capable and adequately skilled women in our society”.

Injongo yale ngxoxo ehleliweyo ibikukuhlola impumelelo eyenziwe yi-Women Commissions koomasipala basekuhlaleni ngaphantsi kwesiThili, nokuxoxa ngamacebo okuncedisa iiKomishoni ukukhulisa imiba yamanina kwingingqi yonke.

Usekela sodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba T. N. Jojozi, ugxininise, kwithetho yakhe yokuvula, ukuba wonke amanina elilizwe anoxanduva lokuqinisekisa ukuba banelungelo lokuphawula xa kubekwa imithetho nanjengoko ibachaphazela, nokuba banoxanduva lokuqinisekisa ukuba bafumana uhlahlo lwabiwo mali olwaneleyo lweenkqubo ezoyamene namanina.

“Kufanele sisebenzise le ngxoxo ehleliweyo ukuveza izidingo zethu singamanina esiThili. Kufanele silisebenzise elithuba ukutsho ukuba sidinga uhlahlo lwabiwo mali olongezelelweyo ukuze sitshintshe ngamandla iimpilo zamanina kwisiThili, ngakumbi amanina kwiilali abashiyeke ngasemva ixesha elide,” utshilo uJojozi.

Usihlalo we-Women’s Commission uceba Z. P. Dlamini uthe, maliviwe ilizwi lamanina kwenziwe utshintsho ngeekomishoni ezilolu hlobo.

Izithethi zezivakatshi zale ngxoxo ehleliweyo ziquka uMnu. Tim Dennis, okhuthaze ooceba abangamanina kunye neenkokheli ezingamanina koomasipala besiThili ukuba babe ngumzekelo.

IKomishoni yamanina yi-Section 79 committee. Le komiti iphethwe yiKhansile. Kwesi sigaba iKomiti iyasebenza kwaye ihlala rhoqo ngekota, kwaye inesabelo kuhlahlo lwabiwo mali lalo nyaka mali.

Le Komiti inoshihlalo nooceba abalishumi nane, i-HOD’s ezimbini ezingamanina, COO, amanina azimanejala ezinkuu, kunye ne-CEO yeHarry Gwala Development Agency.

Eyona njongo yeKomishoni yamanina kukunyusa ukubandakanywa kwamanina kwisikhokhelo nezihlalo ezinkulu kulawulo, ukuhlangabezana nokulingana ngokwesini koorhulumente basemakhaya, nokuxhobisa iinkokheli zezopolitiko ezingamanina ukukhuthaza amanina kwiiwadi zabo ezohlukeneyo/eluntwini. Ifuna nokuba nekuba noSection 79(a) committees kubo bonke oomasipala basekuhlaleni kwisiThili iHarry Gwala.

Umzebenzi wekomishoni yamanina ube ngolu hlobo, kodwa awuphelelanga apha:

- Uphucula ukulingana ngokwesini
- Usebenzela ukwakha amanina angooceba ukulungiselela ubumbano
- Ukuqinisekisa ukulinga ngokwesini kwiinkqubo
- Ukuqinisa ubuhlobo nentsebenziswano exhasa amanina kulawulo lwasemakhaya nakwamanye amaqumrhu karhulumente naseluntwini
- Ukubandkanya ikhansile namaqumrhu ayo kuphuhliso lwamanina kulawulo, kwipolitiki naleluntwini.



**IsiThili iHarry Gwala kunye necandelo lophuhliso lwaseHarry Gwala zityelele amashishini ohlukeneyo nesiza, ukubanika uncedo oludingekayo oluzaku qinisekisa ukuba amashishini abo ayakhula kwaye ayaphumelela.**

# UMasipala wesiThili iHarry Gwala neHGDA baxhasa amashishini asakhasayo

KWILINGE lokukhulisa amashishini asakhasayo njenge nxalenye yokukhulisa ezoqoqosho kwisiThili nokuvula amathuba emisebenzi, uMasipala wesiThili iHarry Gwala, ngokubambisana neHarry Gwala Development Agency, bajolise umbombo ekuxhaseni amashishini asakhasayo asekuhlaleni.

Umasipala wesiThili kunye ne-Agency banikezele ngezixhobo koosomashishini basekuhlaleni; ngoncedo lwesebe lophuhliso lwezoqoqosho lasekuhlaleni (LED), ngokwezicelo zabo zenkxaso kumashishini abo.

Usodolophu wesiThili, uceba Z. D. Nxumalo, usomlomo womasipala, uceba M. S. D. Mdunge kunye ne-CEO ye-Agency uNkszn. Antoinette Whyte, banikezele ngokusesikweni ngezipho koomasipala bonke kwisiThili.

Baqale eKokstad, apho bamkelwe ngezandla ezishushu ngusekela sodolophu womasipala iGreater Kokstad, uceba K. Walker, kwisigaba sokuqala sonikezelo.

Iinjongo zale nkqubo kukuqinisekisa ukuba inkxaso-mali kunye nezixhobo ziyafumaneka ukuqinisekisa inkxaso eyaneleyo ekukhuliseni amamshishini asakhasayo ngaphantsi kwesiThili.

Uceba J. Msiya ube yinxalenye yesigaba sesibini e-Umzimkhulu, waze usodolophu womasipala wasekuhlaleni Ubuhlebezwe, uceba B. E. Ngubo wayinxalenye kwizigaba ezimbini zokugqibela e-Ixopo.

Bonke abebemele oomasipala basekuhlaleni benze umbulelo ongazenzisiyo kule nkqubo, besithi izakutshintsha uphuhliso loosomashishini basekuhlaleni nokukhulisa ezoqoqosho.

UNkszn. Buhle Bhengu, oneshishini lokupheka waseKokstad, nongomnye wabaxhamli uthe kumazwi akhe ombulelo; “Egameni labo abaxhamlileyo namhlanje, ndithanda ukubulela iHarry Gwala Development Agency, ngakumbi uNkszn. Whyte, ngokusincedisa ekukhuliseni



**Ohloniphekileyo usodolophu wesiThili uceba Z. D. Nxumalo, kunye nosomlomo uceba S. Mdunge, batyelele iindawo ezohlukeneyo zoshishino.**

amashishini ethu asakhasayo.

Ndiyavuya ukufumana izixhobo eziza kundinceda ukukhulisa imveliso, Siyaphambili, Siyakhula."

Kwintetho yakhe yokuvula, uceba Z. D. Nxumalo, usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, wenze umbulelo wakhuthaza i-CEO ye-HGDA kunye negqiza lakhe ukuqhubeka besebenza bangadinwa, ukuphuhlisa ezishishino kwisiThili, nanjengoko kusenza lula kubahlali ukufumana iinkonzo ezohlukeneyo kwisiThili, ngoba abazuhamba mgama omde ukufumana iinkonzo ezilolu hlobo, ngakumbi ezo ebezinqongophele kwisiThili sethu.

Izixhobo ekunikezelwe ngazo ziquka: iiborehole, iigenerator, izixhobo zase-salon, isitovu se-rhasi, iimbiza kunye nezinye ezohlukeneyo ezincedisa i-SMME's kumashishini abo ohlukeneyo.

Lo msitho ubuqhutywa yi-CEO yeHarry Gwala District Agency, uNkszn. A. C. R. Whyte, nonike ebebezimase lo msitho ukhenketho oluncinane kwi-Hub, enika inkcazelo emfutshane kwiinkonzo ezenziwa kwi-Hub.

U Masipala wesiThili iHarry Gwala, ubambisane ne-Ikomishini ezimeleyo yolonyulo (IEC), bagaleleke e-Umzimkhulu TVET College kutshanje ukuyobhiyozela inyanga yamanina.

Injongo yalo msitho kukuxhobisa amanina ngeendlela zokuziphuhlisa, bababe indawo yabo eluntwini nakwezopolitiko, nokuqinisa indawo yawo kuphuhliso lwezoqoqosho noluntu.

Amanina aphuma kwiindawo ngeendawo afike nemimoya ephezulu ezobhiyozela ukuba yinxalenye kuluntu luphela. Egameni lamanina esiThili iHarry Gwala, usekela sodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba T. N. Jojozi ebengomnye wabazimase lo msitho ngaloo mini.



Abanye ebebezimase lo msitho baquka usodolophu womasipala wasekuhlaleni Umzimkhulu, uceba J. Msiya, oomanejala nabaphathi bakwa-IEC kunye naboMasipala wesiThili iHarry Gwala.

Kwinthetho yakhe yenkxaso, uNkskz. Masinga, ongumphathi wezokhetho kwiphondo, ukhuthaze amanina ukuba axhasane nokwakhana ebomini. Uqhubeke wathi amanina ngumqolo wesizwe.

Uceba T. N. Jojozi ugxile kakhulu kwindima edlalwa ngabasetyhini abase bancinane, abaziwa kakhulu 'ngama 2k' ngeenkqubo zenkululeko kwintetho yakhe yokuvula, nalapho ethe; "Kukhona isithuba esikhulu ekufanele sigcwaliswe ngabasetyhini abasakhula kuphuhliso loMzantsi Afrika uphela. Abasetyhini abasakhula bakhuthazwa ukongamela abamele amanina kwiindawo ezohlukeneyo."

Uqhubeke wathi, uyazingca ngokuba yinxalenye yeBhunga loMasipala wesiThili iHarry Gwala, nalapho isinintsi kungamanina.






**Isebe lezemisebenzi, ushishino kunye nokhuphiswano lityelele isiThili kwidabi lokulwa nendlala ukunceda kumashishini.**

# Isithili iHarry Gwala siqinisa amaqathanga nesebe lezemisebenzi ukulwa nendlala

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala uthabathe elinye inyathelo lokulwa nendlala ngokuphucula ubuhlobo noorhulumente bangaphandle ukuqinisekisa ukulwa nendlala nentswela ngqesho kwisiThili.

Kutshanje isiThili simanyene nokuqinisa amaqathanga nesebe likazwelonke lezemisebenzi, ushishino nokhuphiswano kunye noomasipala basekuhlaleni ukulwa nemiba ekhokhelela kwindlala kwingingqi yonke.

IsiThili iHarry Gwala sesinye seziThili ezithwaxwa yindlala kwiphondo iKwaZulu-Natal, ngakumbi oomasipala basekuhlaleni.

Le ngingqi yongamelwe zezolimo kodwa umhlaba usesezandleni zolawulo oluncinane, kodwa isiThili siqhubeka nokuthabatha amanyathelo kwaye siphakathi nokuqinisekisa utshintsho ukukhuthaza ulutsha ngezolimo, nanjengoko kusenza ingeniso enkulu kwezoqoqosho kwisiThili.

Kutshanje isiThili sibambe ucweyo lwezoshishino ePeace Initiative Hall e-Ixopo kunye nesebe lezemisebenzi, ushishino nokhuphiswano, nebe luzimaswe ngusekela mphatshiswa welisebe uNomalungelo Gina.

Iinjongo zale nkqubo ibikukukhuthaza uluntu ngokoyamene nophuhliso lwezoshishino. Usekela sodolophu weHarry Gwala, uceba T. N. Jojozi, usomlomo womasipala, uceba M. S. D. Mdunge kunye nosodolophu womasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe, uceba E. B. Ngcobo bebeyinxalenye yolu cweyo ukuqinisekisa ukuphuculwa kobomi boluntu kwisiThili.

Ethetha kulo msitho, uceba Jojozi uzincomile iinkqubo ezifana nale, esithi zibalulekile kakhulu nanjengoko iinjongo zazo ikukuphucula isiThili sabo esithwaxwa yindlala.

Uthe uyayivuyela into yokuba isebe likhethe isiThili sabo ukuqinisekisa ukuba le ngingqi iyaphuma kancinci-kancinci emasimini omileyo endlala, ukuze isiThili sibenegalelo elikhulu kwiimveliso zasemakhaya zendalo kwiphondo.

Usekela mphathiswa Gina, ukwazise ngeeprojekthi ezimbalwa kumasebe ohlukeneyo ezizakubekwa iliso ukuze kubonwe igalelo lazo, kwaye zifumane nenkxaso-mali ephuma kwisebe lakhe ukuqinisekisa ukuba zincedisa ulutsha lwesiThili.

Ukhathazekile ngommba wokuba amashishini asakhasayo asahlangabezana nobunzima ukufumana inkxaso-mali kwilizwe lentando yesininzi, kodwa uqinisekisile ukuba bathabatha amanyathelo okusombulula imiceli mngeni efana nalo.

Kodwa, eyona njongo yosuku yeyokuba iinjongo zale nkqubo kukuvala iintanda, kwakhiwe iqonga lophuhliso loosomashishini kwisiThili.

Abahlawuli beenkonzo zikamasipala abohlukeneyo bebeyinxalenye yalo msitho nalapho bebonise ngeemveliso neentengiso zabo kwindawo yemiboniso.

Amaqumrhu anoxanduva lophuhliso lwamashishini aquka u-SEDA, SEFA, ITHALA kunye nezinye ezininzi nawo ebeyinxalenye yababonisi, ukuze ancede oosomashishini abakhasayo ngolwazi lokuvula ishishini, ukufumana uncedo lwenkxaso-mali, ukwazisa oosomashishini ngamaqumrhu anika inkxaso-mali kunye nokubancedisa ukubhalisa.

# IHarry Gwala imanyene ne-IEC ukubhiyozela inyanga yamanina




**Kwilinge lokufundisa amanina kwilungelo labo lokuvota, nelungelo lokuzibandakanya kulonyulo, i-IEC kunye nesiThili babhiyozele inyanga yamanina.**

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala, emanyene lekomishoni ezimeleyo yokhetho (IEC), badibene e-Umzimkhulu TVET College, ngomhla weshumi nesithandathu kwEyeThupha 2023 bezokubhiyozela inyanga yamanina.

Iinjongo zalo msitho kukuxhobisa amanina ngeendlela zokuziphucula, ukuthabatha indawo yabo kulawulo eluntwini, kwezepolitiki, ezoqoqosho kunye nophuhliso loluntu.

Amanina aphuma kwiindawo ngeendawo afike ngomoya ophezulu ukuzobhiyozela indima abayidlalayo kuluntu luphela.

Egameni lamanina esiThili iHarry Gwala, usekela sodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba T. N. Jojozi, ebengomnye wezitatanyiswa zosuku. Abanye ebebezimase lomsitho baquka, usodolophu womasipala wasekuhlaleni Umzimkhulu, uceba J. Msiya, abalawuli nabaphathi bakwa-IEC naboMasipala wesiThili iHarry Gwala. Kumyalezo wakhe wenkxaso, uNkskz. Masinga, ongumphathi wezokhetho kwiphondo, ukhuthaze amanina ukuba axhasane kwaye aphuhlisane kuzo zonke indlela zobomi. Uqhube wathi, amanina ngumqolo wesizwe.

Uceba T. N. Jojozi unikwe umsebenzi wokugxila kwindima edlalwa ngamanina asakhulayo, abaziwa kakhulu ngama2K ngolwimi lwenkululeko, kwintetho yakhe, nalapho ethe, "Sikhulu isithuba esifanelwe ukugcwaliswa ngamanina asakhulayo kuphuhliso lwelizwe loMzantsi Afrika liphela. Amanina asakhulayo ayakhuthazwa ukuba amele amanina ngobuninzi bawo kwiindawo ezohlukeneyo."

Uqhube wathi, uyavuya ukuba yinxalenye yebhunga loMasipala wesiThili iHarry Gwala, nalapho uninzi lwamalungu kungamanina.

# Kufakelwe ii-alam ezilumkisa ngomlilo ezikhokhelela kukhuselo lomlilo








**Izixhobo ezirhogela umsi zisisi sombululo sokulwa nomlilo otshabalalisa imikhukhu, ngamanye amaxesha usube imiphefumlo. Kufakelwe ezi zixhobo kwimikhukhu engaphaya kwamashumi amahlanu kwindawo yaseShayamoya. Amalungu oluntu alivuyele eli nyathelo lwesiThili, umasipala wasekuhlaleni Ubuhlebezwe kunye noCogta KwaZulu-Natal.**

UKWEHLISA izinga lemililo yemikhukhu kwiindawo zoogobityholo, iKwaZulu-Natal Department of Cooperative Governance, and Traditional Affairs (Cogta) Disaster Management Directorate, ngokubambisana necandelo lezentlekele kuMasipala wesiThili iHarry Gwala kunye nomasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe, bafakele ii-alam ezilumkisa ngomlikli kwindawo yaseShayamoya e-Ixopo.

Ezi alam zomlilo zibamba ivumba lomsi kwimikhukhu etshayo ilumkise abamelwane ukuba bancede ukukhusela ubomi.

Zingaphezulu kwamashumi amathandathu ii-alam ezifakelweyo kule ndawo.

Amaqela olawulo lwezentlekele atyelele le ndawo alichaze elinyathelo njenge sisombululo kwizehlakalo zemililo yemikhukhu.

Iinjongo zokufakela ezi zixhobo kukunciphisa izehlakalo zemililo, ngakubi kwiindawo zoogob'ityholo, nalapho ngamanye amaxesha kuye kungxwelerheke abantu abaninzi.

Le alam yomlilo iwuva umsi kumgama ozimitha ezilishumi.

Le yindlela engcono yokunqanda umlilo womkhukhu ngoba xa i-alam isiva umsi endlini iyakhala, abamelwane beve ukuba kukhona ingxaki.

Usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Zamo Nxumalo uthe, eli licebo elihle lale ndawo.

"SisisiThili siyavuya ngeli cebo nanjengoko linga sindisa ubomi babantu," utshilo uNxumalo.

U Zibuyile Mkhize, oxhamlileyo, uthe uchulumancile ngokuba nale alam yomlilo emkhukhwini wakhe.

"Le ndawo ayikhuselekanga, umlilo ungaqhambuka nanini na, ndiziva ndikhuselekile xa ndinale alam. Kuyancumisa ukwazi ukuba kukhona isixhobo esinje. Kungenzeka nantoni na emikhukhwini. Le alam yomlilo izakusinceda ukuva umlilo usekude. Sizakukhuseleka nabantwana bethu," kutsho uMkhize.










**Bekulusuku oluhle lokubhiyozela umsebenzi omhle nokuzimisela kooceba besiThili, kunye nomsebenzi ogqwesileyo waze waphumelela emajukujukwini, ngokufumana iNational Certificate yeNQF Level 5 kulawulo lomasipala kunye noNQF Level 6 kulawulo lwezezimali kumasipala.**

# Imfundo, isakhono esibalulekileyo kuhanjiso lweenkonzo

BEKUYIMINCILI kooceba boMasipala wesiThili iHarry Gwala ngethuba bechule eqongeni ngokuzingca nangovuyo eThekwini, kumsitho wothweso zidanga ububanjwe kubusuku bangoLwesihlanu.

Ngooceba abalithoba, kuquka uSomlomo, uSekela Sodolophu kunye noSotswebhu, abaphumelele iNational Certificate kwiMunicipal Governance NQF Level 5, waze umsebenzi omnye waphumelela iCertificate kwiMunicipal Finance Management NQF Level 6.

Usekekala sodolophu uceba T. N. Jojozi, usomlomo uceba M. S. D. Mdunge, usotswebhu uceba N. Mhatu, uceba Z. R. Tshazi, uceba N. W. Dladla, uceba T. G. Soni kunye nowayesakuba nguceba wesiThili iHarry Gwala uceba N. Siziba, uceba Z. C. Khumalo kunye noceba L. A. Zondi, bonke baphumelele ngamalengiso. U Nkszn. Khathi ufumene iCertificate kwiMunicipal Finance Management.

Ngethuba esithi huntshu kooceba, usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Zamo Nxumalo uthe, ukuthwala isidanga kwezi zifundo kwakusisakhono esibalulekileyo esifunyanwa ngabameli boluntu, kwaye unethemba lokuba kuzakunceda ukukhawulezisa ukuhanjiswa kweenkonzo kwisiThili.

"Ndithanda ukuthi huntshu kubo bonke abathweswe izidanga. Ngenene, oku kuzakuhamba umgama omde kooceba bethu nanjengoko bezakuncedisa ukuthabatha izigqibo ezivakalayo kwimiba yokuhanjiswa kweenkonzo. Imfundo ibaluleke kakhulu kwiBhunga lethu, nanjengoko aba ceba kufuneka babe nolwazi ngemithetho, ezezimali kunye neenkqubo. Sidinga abasebenzi kunye nooceba abaxhobile, nabane sakhono sokwenza umsebenzi. Umasipala uzaqhubeka ukunika inkxaso ukuqinisekisa ukuba ooceba bethu nabasebenzi bafumana izakhono ezidingekayo," kutsho usodolophu Nxumalo.

Ephendula ngeziqinisekiso ezintsha abazifumeneyo kumsitho wothweso zidanga, uceba Z. R. Tshazi uthe, bayalivuyela ithuba abalinikwe ngumasipala lokuqhubela phambili izifundo zabo, ukuze bazixhobilse ngolwazi olubalulekileyo nezakhono.

"Singooceba, siyonyulwa, sihlale kwibhunga iminyaka emihlanu. Xa ungene ngebanga leshumi kuphela, akufanelanga uhlale nelo banga leshumi kuphela. Kufanele uziqhelanise neenkqubo zikamasipala. Ngamanye amaxesha kulindeleke ukuba sazi amagama athile asetyenziswa kwezezimali, ukufumana esi siqinisekiso kundincede ukuba ndazi onke loo magama. Esi siqinisekiso sizakusinceda ukuba siqhube umasipala wethu kakuhle kwaye siqinisekise ukuba iinkonzo ziyahanjiswa kuluntu lwethu," kutsho uceba Tshazi.

U Njingalwazi Kingston Shabangu, umlawuli omkhulu eBantubanye Skills, uthe huntshu kwizithwalandwe.

"Ndinithulela umnqwazi nonke ngokusebenza nzima nokuzimisela kwenu. Ngoku lixesha lokuba nisebenzise enikufundileyo kwimisebenzi yenu, ukuphucula intsebenzo koomasipala benu abohlukeneyo. Ninoxanduva lokwenza ilizwe lethu indawo engcono yokuba siphile kuyo, nokuhlangabezana nemiceli mngeni yoluntu kwaye nigcine iinkonzo ezisulungekileyo ngalo lonke ixesha," kutsho uNjng. Shabangu.

Isebe lezemisebenzi ngaphakathi kwisiThili lilo elinoxanduva lokuqinisekisa ukuba ooceba baxhotyiswa ngokufanelekileyo.











**Kusungulwe iingxoxo ezizakuncedisa ukukhawulezisa ukuhanjiswa kweenkonzo kuMasipala wesiThili iHarry Gwala. Abahlali bebeyinxalenye yalo msitho**

# Umasipala wesiThili iHarry Gwala ubambe i-HGDM Forums Relaunch ePeace Initiative Hall eXobho, ngenyanga yolutsha

BONKE oomasipala basekuhlaleni bebeyinxalenye yalomsitho wokusungula iqumrhu elisesikweni lokusebenza ngokubambisana koomasipala, ukuphucula nokuqinisa ubuhlobo kwisiThili noomasipala basekuhlaleni kwakunye noluntu kule ngingqi.

La maqumrhu azakunikeza ngezixhobo neenkqubo ukuncedisa kwisisombululo seyantlukwano koorhulumente bangaphandle, nokuncedisa kwimiba eyoyamene noku.

Usekela sodolophu we-HGDM, uceba T. N. Jojozi, ngethuba esenza intetho yakhe yokuvula, wenze umbulelo koosihlalo bamaqumrhu ngokuzinikezela kwabo ekuncediseni uluntu ngaphandle kokulindela inzuzo yemali.

"Abantu kufanele bafundiswe kwaye babe nolwazi ngemiba yasekuhlaleni, yiyo loonto kusungulwe amaqumrhu aloluhlobo. Kungoko ndibongoza umhlali ngamnye ukuba adlale indima ekuphuculeni uMzantsi Afrika. Sebenzisani lamaqonga ukuxoxa ngezempilo neminye imiba ehlupha uluntu lwethu, apho nizakuveza khona iinkxalabo nicele noncedo. Singumasipala silapha ukuzoni khokhela nokunincedisa," kutsho usekela sodolophu. Abanye ebebezimase lo msitho baquka usomlomo we-HGDM uceba M. S. D. Mdunge, nosekela sodolophu womasipala uBuhlebezwe uceba Z. L. Miya.

Ukusungulwa ngokusemthethweni kwamaqumrhu kuqhutywe ngolu hlobo:

- Men's forum - Iqumrhu lamadoda
- Women's forum - Iqumrhu labasetyhini
- Gender forum – Iqumrhu lesini
- Disability Forum – Iqumrhu labaphila nokukhubazeka
- Religious Forum – Iqumrhu lezakwaLizwi, kunye
- Senior Citizens Forum – Nequmrhu labantu abadala

Abahlawuli beenkonzo zikamasipala kuquka u-Department of Education, u-IEC, u-Department of Sports, Arts and Culture, bebeyinxalenye yale nkqubo.







**Bekungu mbono omthe ngethuba iintombi zibiza iingoma zesintu zixhentsa kwinkqubo yokutshintsha kwesimilo Emqatsheni e-Underberg.**

# IINTYATYAMBO ZASEHARRY GWALA ZIYAQHUBEKA UKUDUBULA

BEKUMBEJEMBEJE ngethuba 'iintyatyambo' eziphuma kwindawo zonke ngaphantsi koMasipala wesiThili iHarry Gwala ziye kwikhomkhulu lika Nkosi A. B. Duma eMqatsheni e-Underberg kutshanje, njenge nxalenye yenkqubo ngaphantsi kwenkqubo yotshintsho lwezimilo (Behavioural Change Campaign).

Le nkqubo ayonwabisanga iintombi kuphela koko ikomkhulu lonke kwisiThili. Ulonwabo nokuzingca okubalulwe zizithethi ezohlukeneyo, bubungqina bokuba elisiko lokugcina ubuntombi lusathathelwe phezulu, nanjengoko kuyeyona ndlela isebenzayo ukunqanda ukwanda kwezifo zocantsi, nekungomnye wemiceli mngeni uMzantsi Afrika ekudala esokola ukulwa nawo iminyaka emininzi.

Kwithetho yakhe yokwamkela, uNkosi A. B. Duma uveze uchulumanco lwakhe nokuzingca kwakhe kwiintombi ngokwenza isiThili sizingce ngabo, nokuba baziintyatyamnbo eziqhubeka ukudubula kakuhle kule ngingqi.

Le nkqubo iququzelelwe ngabahlawuli beenkonzo zikamasipala abohlukeneyo, abaquka, uMasipala wesiThili iHarry Gwala, KwaZulu-Natal Department of Sports Arts and Culture, Department of Social Development, Department of Health, South African Police Services (SAPS), kunye namaqumrhu asekuhlaleni aphuma kumaqumrhu abucala.

Iinjongo zalo msitho kukufundisa nokugcina isithethe samantombazana sokuzigcina benyulu ngokugcina ubuntombi babo.

Ukwakhuthaza nokwamkela iintombi ezincinane ukubhiyozela ubuntombi bazo bade bakhule ngokwaneleyo ukuba bangaya kuMkhosi Womhlanga.

Egamanei likasodolophu wesiThili, uZ. D. Nxumalo, uceba S. G. Mkhize uthe; "Kuyonwabisa kakhulu  ukubona ukuba ubuhle obungaka obunyulu busekhona, ngakumbi xa sibona izifundiswa eziphumeleleyo zisagcine ubuntombi bazo. Oku akuncedi kuphela ukukukhusela kwizifo zocantsi, koko kubonisa intlonipho yesiko lethu elihle singama-Afrika. Lo msitho ubonakalisa ukubaluleka okukhulu nanjengoko uqhutywe inyanga ngaphambi komsitho onedumela Umkhosi Womhlanga," kutsho uceba Mkhize.

Xa egqibezela uMnu. Musa Mseleku ucebise iintombi ukuba bazinakekele kwaye bazingce ngokugcina elis siko liphila.






**Ooceba nabaphathi bakhuthaza ukuziphatha okuhle kulutsha ukuze kuliwe neengxaki zoluntu, kwaye lube nekamva eliqaqambileyo.**

# “Qhubekani nisenze sizingce”

“Usodolophu wesiThili iHarry Gwala, uceba Z. D. Nxumalo ukuthethe oku ejolise kwiqela lesiThili lebhola yomnyazi, nebe ziintshatsheli ze2023 Telkom Junior Champions kutshanje.










**Iqela lesiThili iHarry Gwala lebhola yomnyazi le-Under 19 lenze usodolophu wesiThili uceba Z. D. Nxumalo azingce ngalo ngethuba liphumelela i2023 Telkom Netball Junior Championship ebezibanjelwe eKapa.**

USODOLOPHU wesiThili iHarry Gwala, uceba Z. D. uncome iqela lebhola yomnyazi le-Under 19 lesiThili iHarry Gwala ngokubeka isiThili kwiincwadi zezemidlalo ngokuba ziintshatsheli ze2023 Telkom Netball Junior Champions.

Oku kwenzeke emva kokuba eli qela lithabathe inxanxheba kwitumente yamaqela alishumi nesine, ebibanjelwe e-DF Malan High School, eBelville eKapa, nalapho beye baphumelela khona, betywatyusha i-Ekurhuleni Team. Badlale le midlalo iintsuku ezine ukuya kowamagqibela kankqoyi, apho betywatyushe i-Ekurhuleni ngamanqaku 51-22. Oku kukhokhelele ekuthwesweni njenge 2023 Telkom Netball Junior Champions.

Usodolophu uNxumalo ubabize ikamva lebhola yomnyazi waze wancoma iNetball Federation kwisiThili. “SisisiThili sithanda ukuthi huntshu kwiqela iHarry Gwala Netball Under 19 ngokwethweswa njengeentshatsheli. La manenekazi amancinane alikamva lebhola yomnyazi,” utshilo ekwathi; “Siyabakhuthaza ukuba baqhubeke basebenze nzima, kwaye sinqwenela ukubabona ngenye imini bemele isiThili sethu kwiqela likaZwelonke.

Usodolophu ukwancome umqeqeshi kunye negqiza lakhe, iNetball Federation kwisiThili kunye nabo bonke abayinxalenye yokuqinisekisa ukuba ibhola yomnyazi kule ngingqi iyakhula.

Usodolophu Nxumalo uthe iqela i-Under 19 mayikhuthazwe nguRefiloe ‘Fifie’ Nkentsa waseShayamoya eKokstad, omele isiThili kwiqela lesizwe iSouth African National Team (Proteas), nobedlala kwiNetball World Cup ebibanjelwe eKapa kutshanje.

Iqela i-Under 19 lifumene iimbasa zegolide ngokuba ziintshatsheli, waze omnye umdlali wamenyelwa uvavanyo lwe-Under 19 S.A. Team.

Usihlalo weHarry Gwala Netball Federation uNkszn. Nomhle Nkomo uthe, uyazingca ngeli qela kwaye uyabulela kumasipala ngenkxaso yakhe. “Bekulithuba elikhulu kumantombazana e-Under 19 ukubonisa isakhono sawo nokuzibandakanya, okukhokhelele kwimpumelelo yabo. Egameni leHarry Gwala Netball, ndithanda ukubulela uMasipala wethu wesiThili ngenkxaso kuyo yonke imidlalo yethu sade saba ziintshatsheli.”

“Sithanda nokubulela iHarry Gwala DSAC, esixhase ngendawo yokuhlala, kwaye sifuna ukutsho ukuba asiyonto ngaphandle kwabahlawuli beenkonzo zikamasipala,” kutsho uNkomo.

UNkomo ukwancome umqeqeshi uBerto Mnikina namantombazana, esithi; “Siyazingca ngabo kwaye siyavuya ngokubhabhisela iflag yesiThili iHarry Gwala phezulu. I-Netball World Cup ibintle kakhulu kwaye idlale indima enkulu ukukhuthaza abadlali bethu basemakhaya.




**Bekuligugu ngethuba abasebenzi besiThili iHarry Gwala bemele umasipala kwimidlalo yabasebenzi i-Umngeni-Thukela eStanger.**

# Ukusebenza nokudlala kuba ngcono kwaye kumnandi

KUMOYA wokugcina ubuhlobo nabathengi bakhe, Umngeni-Uthukela Water isingathe itumente yawo yonyaka, kweli lixa le midlalo yolonwabo ibiqhutyelwa eStanger.

Lo msitho ukhuthaza impilo entle nobuhlobo kubasebenzi, ikwakhulisa ukuziphatha kakuhle emsebenzini phakathi kwabasebenzi abaphuma kumaziko ohlukeneyo, kwaye kukholeleka ukuba inyusa iziphumo kubasebenzi.

"Ukwakha ubuhlobo nabathengi bakhe sisisekelo lempumelelo yexesha elide nokukhula kweshishini, kungoko kubalulekile ukwenza imigushuzo efana nale," kutsho uMnu. S. Dlamani we-iLembe District Municipality, ethetha kumsitho wembasa wokuvala le nkqubo.

Ukuba nobuhlobo obomeleleyo obusekelwe kwithemba nonxibelelwano kuncedisa abathengi ukuba bazive besekhaya kwaye bekhululekile, kungakhulisa nokuthenga kwabatheni rhoqo kwaye bangayeki ukuthenga.

Abasebenzi boMasipala wesiThili iHarry Gwala, iLembe District Municipality, Siza Water, Umngeni Water, Ugu District Municipality, Msunduzi Municipality, Umgungundlovu District Municipality, Msinsi Resorts kunye neKing Cetshwayo Municipality bathabathe inxaxheba kwimidalo yebhola yomnyazi, volleyball kunye nebhola ekhatywayo.

Iqela lase-Ugu liphume phambili laze elaseThekwini laphuma kwindawo yokuqala kwibhola ekhatywayo. I-HGDM Volleyball team yamanenekazi ithathe indawo yesibini ngelixa i-HGDM Volleyball team yamadoda ibekwe kwindawo yesithathu kumagqibela kankqoyi.

Iqela lamadoda laseMsunduzi likhokhele ngamanqaku ukusuka ekuqaleni kwade kwasekugqibeleni, ngelixa bethabatha indawo yokuqala ngochulumanco ukubuyela kwiCity of Choice.

Bekuyimincili ngethuba kuMasipala wesiThili iHarry Gwala ngethuba iqela lithabatha iimbasa ezininzi emva kokumela umasipala kakuhle kule midlalo. Egameni loMasipala wesiThili iHarry Gwala, isebe lezemisebenzi likhuthaze bonke abasebenzi ukuthatha inxaxheba kwimidalo efana nale, nanjengoko iba neziphumo ezintle ukukhuthaza ukuzethemba kubasebenzi.







# Usodolophu Nxumalo: "Sizakwenza umzila wanaphakade"

**Usodolophu wesiThili iHarry Gwala, uceba Nxumalo uqinisekile ukuba iHarry Gwala Horse Racing izakufikelela enkcochoyini kwaye kube yeyona embejembeje ezakutsala abatyali zimali abaziwayo.**




**IHarry Gwala District Summer Cup, ithembisa ngokufikelela kwizinga leDundee July nanjengoko ikhula unyaka nonyaka.**

NJENGE nxalenye yokukhuthaza imidlalo yasemakhaya yamandulo kwiphondo iKwaZulu-Natal, usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, u Z. D. Nxumalo ucome impucuko enkulu ebonakalayo yomdyarho wamahashe obanjwa rhoqo ngonyaka, i-Dundee July.

"Silandela umzila wawo sisisiThili, kwaye siyazingca ngempucukho ezinje, nangeyethu impucuko, umsitho ofana nalo rhoqo ngonyaka, nosele uphucule ingeniso kwezoqoqosho ngokoyamene nokuqinisekisa ezoqoqosho kwiilokishi nasezilalini."

La mazwi kasodolophu eza ngethuba kusingathwe umdyarho wamahashe iDundee July, engu ndaba-mlonyeni, enjongo zayo ikukususa umtsalane kumdyarho owaziwayo iDurban July engumtsalane kwihlabathi kwiphondo iKwaZulu-Natal.

Ukuthethe oku encoma iinkweli zamahashe zaseHarry Gwala, ebeziyinxalenye yomdyarho kunye namahashe azo, nathe aba phakathi kwamahashe alishumi aphumeleleyo kumdyarho walo nyaka.

I-Dundee July ka2023 yenze ngaphezulu kobe kulindelwe kuzo zontathu izigaba zonyaka, eziquka umdyarho wamahashe, isinxibo kunye nezololwabo.

Lo msitho ombejembeje ubuququzelelwe lisebe lezemidlalo, ubugcisa namagugu e-KZN, ngokubambisana noomasipala basekuhlaleni, KZN Traditional Horse Racing and Breeding Association kunye nabahlawuli beenkonzo zikamasipala abohlukeneyo.

Nanjengoko iDundee July igxile kumdyarho wamahashe wasemakhaya, iinkweli kunye namahashe azo aqeqeshwe kakuhle, bezisemfuthweni wokubonakalisa izakhono zabo





**Isinxibo, umdyarho wamahashe wasemakhaya kunye nezolonwabo beziphala phambili kwiDundee July.**

kulo mdlalo okhulayo.

Kuqhutywe imidyarho elishumi nambini, waze umdyarho omkhulu waphumelelwa nguLindani Dube wakwiphondo iMpumalanga, obekhwele ihashe lakhe u-Alpha and Omega ukuya empumelelweni.

Inkweli yesiThili iHarry Gwala, uKhanyisa Mbhele kunye nehashe lakhe u-Eliya baphumelele umdyarho wesixhenxe, inkweli uSivuyile Kabele uphume kwindawo yesine kwakulo mdyarho kunye nehashe lakhe uChitha, uMkhulise Lincura nehashe lakhe uZahlangana bona baphume kwindawo yesibini kumdyarho weshumi.

Amanye amahashe athabathe inxaxheba kwiDundee July aphuma kwisiThili aquka: Slingo, Ndlondlo, Vulakuvaliwe, Gqokelaphandle kunye no Laptop, xa sibalula nje ambalwa.

Isikhokhelo, oomanejala kunye nabaphathi abaphuma kwisiThili, bebezimase lo msitho ukuzoxhasa iinkweli kunye nomdyarho wamhashe wasemakhaya.

Umdyarho wesiThili iSummer Cup uzakusingathwa xa kuza kuphela lo nyaka. Uceba Nxumalo uqhubekile wancoma amahashe amele isiThili kakuhle kwiDundee July.

Umphathiswa we-DSAC, uGqirha Ntuthukho Mahlaba, ubonakalise uchulumanco ngempumelelo yokusingatha i-2023 Dundee July, esithi yenye ephume emagqabini. "Ukukhula kwalo msitho kubonakalisa kakuhle iinjongo zethu zokhenketho lwezemidlalo. Ezi zezinye zophuhliso lwezoqoqosho oludingwa ziidolophana ezifana neDundee. Ndiyazingca ngokuba le yinkqubo esungulwe ngabantu bethu, kwaye ingakhula ngenkxaso efanelekileyo nokubambisana kukarhulumente kunye nemaqumrhu abucala," kutsho uMahlaba.

Emva kwemidyarho yonke, imiboniso yezinxibo kunye nezolonwabo losuku, lo mnyhadala ka2023 weDundee July ugqityezelwe ngomsitho wolonwabo, nalapho umphathi theko ibinguTha Simelane nowaziwa ngoNontandakubukwa. Abahlali bachithe ubusuku bonke kuloo ngqele bezonwabisa kwade kwangentseni kusuku olulandelayo.







**Isikhokhelo esiphuma kwisiThili, kuquka usodolophu waseMzimkhulu, ohloniphekileyo uceba J. Msiya, bebeyinxalenye yeDundee July, kunye nabanye ooceba nabaphathi abaphuma kwisiThili nakoomasipala basekuhlaleni.**

